

**UNJING MS MAKHANYA, INQUNUNU NENGQONYELA
IYUNIVESITHI YOMZANTSI AFRIKA
AMANINA ASE-UNISA, E-SAWID, E-UN: INCOKO YOKUBHIYOZELA
INYANGA YAMANINA
UMXHOLO: Ukuxhaswa kooSomashishini abangamaNina
ukulungiselela uPhuhliso lwezoQoqosho oluzinzileyo
IHOLO LOKUQHUBELA IMIBHIYOZO, ISAKHIWO I-KGORONG,
IKHAMPASI YASEMUCKLENEUK
UMHLA WE-7 KU-AGASTI KA-2019**

UMphathi-Nkqubo: Nks Phelisa Nkomo, uSoqoqosho wezoPhuhliso, iTshantliziyo leMpembelelo yokulwela amaLungelo abafazi nelezobulungisa basekuhlaleni

- UNks Thembi Siweya, iSekela Mphathiswa kwezoBongameli kunye neendwendwe zakhe
- UNks Thoko Mpumlwana, uSihlalo weTrasti yeNcoko yamaNina aseMzantsi Afrika (i-SAWID) kunye namanye amalungu e-SAWID ne-YSAWID
- UNks Anne Githuku Shongwe, ummeli weliZwe we-Ofisi yamaZwe ngamaZwe wamaNina e-UN aseMzantsi Afrika namanye amalungu amaNina e-UN

- IsiThethi soSuku sethu, uNks Nolitha Fakude, uSihlalo ongenayo weBhodi yezoLawulo ye-Anglo American SA
- UGq Sheila Kumalo, uSihlalo weQonga lamaNina ase-Unisa namanye amalungu eQonga lamaNina ase-Unisa
- UNjing Nokuthula Mazibuko, iNtloko yeZiko leziFundo zokuLwela amaLungelo abaFazi
- liNdwalutho: OonoZakuzaku bamazwe kunye neeKomishinala eziPhezulu ezimele amazwe awohlukeneyo abakhoyo apha kunye namanye amalungu e-Diplomatic Corps
- Amalungu abaLawuli base-Unisa akhoyo
- UNjing N Mathabe, iNgqonyela yangaphambili yase-Unisa nondwendwe lwakhe
- UGq B Bam, usiHlalo we-Thabo Mbeki Foundation
- Abameli bamanye amaziko emfundo ephakamileyo abakhoyo
- Abameli bamasebe karhulumente awohlukahlukeneyo
- Amalungu ezoshishino
- Amalungu eecawe ngeecawe akhoyo
- Amalungu eBhunga labaMeli babaFundi lesiZwe lase-Unisa
- Abameli bamajelo eendaba awohlukahlukeneyo
- Abameli bamaqonga ase-Unisa awohlukahlukeneyo kunye nemiButho yezabasebenzi
- Amanye amalungu abasebenzi base-Unisa akhoyo
- Baphulaphuli ababekekileyo

- Manenekazi nani manene

Namkelekile kule ncoko ibaluleke kangaka. Ndiqhwabela izandla ngokungakumbi umxholo: UkuXhasa ooSomashishini abangamaNina ukulungiselela uPhuhliso lwezoQoqosho, kuba ungena kanye kanye kwinqontsonqa engaphaya esihlangabezana nayo sisizwe kunye nelizwekazi xa kusiyiwa ekukhawulezisweni koshishino loPhuhliso lwezoqoqosho oluzinzileyo, kwaye ngokuhlangeneyo noku, isidingo esingxamisekileyo sokudalwa kwengqesho kwelinye icala, kunye nokwandisa ufikelelo olufanelekileyo nokuthabatha inxaxheba koosomashishini abangamanina kuqoqosho, kwelinye icala.

Manditsho ukuba ndisoloko ndibona ngokukodwa kumangalisa ukuba oomama jikelele belahlelwa phaya njengabakhulisi ekuhlaleni kwihlabathi jikelele – ngokwenene le yindima amanina amaninzi azibangelayo ngokwawo. Kodwa ngamanye amaxesha oko kuquka kwenzeka ngokuncama umthombo onabileyo wesiphiwo soshishino nesakhono esipheleleyo esizinze kuma-50% elizwekazi lethu abandakanya amanina. Okuyinene kukuba, amanina angakwenza kokubini ngokubalaseleyo kwaye ndingathi akuzange kubekho isidingo esingaphaya esingxamisekileyo nesikhoyo samanina ase-Afrika sokuba agaye inkxaso, aququzelele kwaye alungelelanise iinkqubo namaqumrhu ukukhulula isakhono sawo soshishino kwaye

ngokwenza njalo, siguqule ubutyebi belizwekazi lethu nabantu balo ukuba libe ngcono.

Imiba enje ngokuncitshiswa kwendlala, amanqanaba eminyaka yokuqala esibhozo okukhuliswa komntwana, ukuncitshiswa kobundlobongela kumanina kunye nonxibelelwano loluntu ngokwenyani ayiloxanduva lwamanina kuphela. Iluxanduva lwethu sonke. Kwaye ngelixa abanye benokuxoxa ngokuba amanina anengqiqo yendalo engaphaya yokujongana nale miba “ityeketyeke” okanye egxile ebantwini, ubani unengcinga engalunganga yokungathi oku ‘kukuphepha uxanduva’ njengoko besitsho, kuba ngokwenene, le yimiba enabe kakhulu kwaye ecela umngeni kangangokuba ambalwa anengqondo yokuhlangabezana nayo ngqo kwaye ngendlela eqiqiweyo ukuqinisekisa inkqubela phambili nophuhliso.

Kwaye xa umntu ejongene nengxoxo yokuba amanina amaninzi ahleli endlaleni kangangokuba kunzima ukuba azikhuphe kuyo, ndingathanda ukuthi kanye kanye ingxoxo ekwanjalo ingasetyenziswa emadodeni! Umahluko ngowokuba nakulo ndlala ingako, ngamanina ikakhulu– kwaye ingengawo amadoda – abonakalisa ubukhalipha, ubuchule, isakhono kunye nokusebenza nzima ngokupheleleyo ukukhulisa iintsapho – ngokuqhelekileyo izizalwane – ngokwenene ewodwa, ngamacebo alusizi engathathi ntweni. Kwaye xa ucingisisa

malunga noku, olo lushishino. Amanina selenabo ubuchule, kunye nonyamezelo – anobukrelekrele kunye nomoya wokungenisa izinto ezintsha. Cinga ukuba ngesekuphunyezwe okungakanani ukuba besinokulungelelanisa iimeko ezingalinganiyo kwaye, umzekelo, senze ukuba amanina afikelele ekuzixhobiseni ngokoqoqosho?

Inyaniso yeyokuba iimodeli zoqoqosho zangoku kumanqanaba aphezulu, aphantsi kunye naphakathi axhaswa ngamqumrhu angayilelwanga ukunyusa nokuxhobisa abantu abasebenza ‘ukuqalela phantsi ukuya phezulu’. Okufunekayo eAfrika nakwamanye amazwe asakhulayo nasakhasayo ngokuphathelele kwezoqoqosho ziinkqubo zokuzixhobisa ngezakhono eziza kuqinisekisa ukuxhomekeka kwiziqu zethu nokhuseleko: ukuma kakuhle ngokwemali, intlutha kunye nokhuseleko lwamalungelo omhlaba. Ndiqinisekile ukuba akukho sidingo sokuba sizikhumbuze ukuba olu khuseleko ngokugqibeleleyo lwayamene nee-SDG kwaye futhi ukuhlangabezana nalo siza kube sisenza igalelo ekufumaneni ii-SDG.

INjongo yesi-4 ye-SDG ithetha ngokubaluleka kwemfundo esemgangathweni equkayo nelinganayo nokukhuthazwa kwamathuba okufunda obomi bexesha elide kumntu wonke kwinkqubo yokunyusa nozinziso. Njengomhlohli neNgqonyela yale Yunivesithi iyeyona inkulu kwilizwekazi, sizinikele kakhulu kwimfundo

yabantu bethu – abancinci nabadala. Ukuba kufuneka soyise ishwangusha elibizwa ngokuba yindlala, ukulamba nokungalingani, kufuneka siqale ngemfundo. Yimfundo eza kuthi ivuse ingqondo, yazise kwaye ikhuthaze abantu bethu ukuba banxanelwe ukwazi ngokungaphaya, ukukhula ngokungaphaya, ukuzithemba kwaye okona kubaluleke kakhulu, ukuphumelela. Kwaye ngeli lixa seyibonakala indima esiyenzileyo, singanako kwaye sifanele ukuba senze ngaphezulu.

Ndivuya kakhulu ukuqaphela ukuba umfuziselo wokugxila kwisiAfrka oveliswe yi-Unisa unikeza iindlela eziyinene ngokungaphaya nezisebenzayo zenkxaso-mali yokufunda ukuquka uphando nokubandakanywa koluntu. Oku kubandakanya imihlaba yezifundo emininzi ngentsebenziswano nabachaphazelekayo abahlukahlukeneyo, bonke besebenza kunye ngokunceda uluntu lwethu. Okokuqala, ndiyakholelwa ekubeni sithetha ngokunyanisekileyo iingqiqo zaseAfrika zeeprojekthi nemifuziselo ezisebenzayo kwiimeko neenkubeko zethu. Ndikufumanisa oku kuchulumancisa kakhulu. Le ngqiqo yandayo ingaqapheleka kuMzantsi Afrika uphela, kwimimandla yethu kwaye ngokuyinene, kwiLizwekazi ngokubanzi. Ama-Afrika asiva ngokucacileyo isidingo esandayo sokumelana neemeko zawo kwaye oko akubonakalisa ngokwenza. Ngako oko ndiqinisekile, kodwa nangona ndikutshilo oko,

iinjongo zethu siziphumeza kuphela xa amanina ekhuthazwa ukudlala iindima zawo njengoomasibambisane abalinganayo kuphuhliso lwethu.

Ndinganinika umzekelo wesinokukwenza singakhange side sicinge nakangako. EMzantsi Afrika siqaphele indlela emangalisayo apho umba weStokvel owanda ngayo kuluhlu lwemimandla yezoqoqosho nangaphaya. IziTokfela ngoku zisebenza ngeinthanethi – iibhanki zinikeza iikhawunti zeziTokfela kwaye kude kwakho neeapp zeziTokfela. IziTokfela ngokuqhelekileyo zezaseAfrika, isithethe sakudala kwaye kakhulu esiqhutywa ngamanina. Ngamanina aqinisekise udumo lwazo oluzinzileyo. IziTokfela ziyasebenza kwaye ziqhube ngenxa yamanina.

Abafazi abangaMandiya nabo balisabele ikhwelo ngokwenza njalo. Urhulumente waselndiya ngoku unikeza uluhlu lwezikim zemali-mboleko encinci ukomeleza ushishino loomama. Izixa-mali ezibolekwayo zincinci. Izigaba zexesha lokubhatala ziyafikeleleka, kwaye kwezinye iimeko, zinganyuswa nanjengoko irekhodi yokubuyisa imali koomama ilandelwa kwaye isomelezwa. Kukwakho nezikim zemali-mboleko eziyilelwe ngokukodwa oomama abakwezolimo. Ndiyakhumbula ndibona iprogram emalunga nale nkqubo kwi-TV. Inqaku elenziwayo lahlala kum. Umntu owayebolekisa

ngemali wathi nakwiindawo zabahlali abasokolayo nezisemaphandleni, kwaye nalapho izixa-mali ezibolekiweyo ziphantsi kwaye amanina esendlaleni, amanina azibuyisa iintlawulo zemali-mboleko ngenkathalo nangempumelelo. Amanina oku akubona njengethuba lokubonyula bona nabahlali beendawo zabo abahlala kuzo kwindlala encamisayo ababekuyo, kwaye baziva benebhongo kwaye bechwayitile ngokuba ngoosomashishini.¹

Ukusukela kwiminyaka elishumi egqithileyo itshantliziyo eliyiBuddhist nemfundimani uJoanna Macy, kunye nabanye abanje ngoDavid Korten, uRiane Eisler kunye noThomas Berry, babumba igama “INguqu eNkulu”, elibhekiselela kushenxo lwehlabathi ukusuka kuhlumo kuluntu lwemizi-mveliso ukuya kwimpucuko yozinziso lobomi. Oku, umntu uyacingela, kusuka ekuqondeni ukuba asihlali ngongqinelwano neplanethi yethu, kodwa ngapha koko siyayitshabalalisa kwaye neziqo zethu ngelo xesha. Ixesha “lenguqu enkulu” leli. Ndingathanda ukutsho ukuba amaAfrika ayesoloko eqonda obona budlelane buhle phakathi koluntu neplanethi esihlala kuyo, kwaye nesidingo sokuqinisekisa ukuba sihlala kunye njengenxenye yobudlelane bezinto eziphilayo nokuzingqongileyo obukhulu. Ngoko ke, ngokwenene, le yindlela enokubonakala

¹ <https://yourstory.com/smbstory/women-entrepreneurs-msme-loans-schemes>

iqhelekile ngokungaphaya kuthi kunokuba inokwenzeka kwabanye abantu.

Le ncoko ke ngoko ifuna ukujongana neendlela amanina anokuxhaswa ngazo ngophuhliso lwawo njengoosomashishini bophuhliso loqoqosho oluzinzileyo. Ngalo moya, i-UNISA, ngeQonga lamaNina ase-Unisa kunye neZiko lase-UNISA leziFundo eziphathelele kwezeSini, ivume ukusebenzisana neqonga le-South African Women in Dialogue (i-SAWID) namaNina e-UN ukusingatha le ncoko yokubhiyoza. Injongo yale ncoko ayibalaselanga nje kuphela – inyanzelekile kwaye, ngokulula, iyinto ekulungileyo ukuba yenziwe.

Ngoko ke, zindwendwe ezibekekileyo, manenekazi nani manene, niza kuluqonda uvuyo lwam nenkxaso yam xa ndinamkela ngamnye ngamnye, kwiyunivesithi yethu nakule ncoko. Ngokujonga uluhlu lwezithethi, abo baza kuthi thaca intetho ecwangcisiweyo kunye neengxoxi ezingoompondo-zihlanjiwe, andithandabuzi konke konke ukuba incoko iza kushiya umdla wokuqhubela phambili kwaye ivelise inguqu eza kwenza amanyathelo abonakalayo kwi-ajenda yokuphuhliswa koosomashishini. Ndininqwenelela okuhle.

Enkosi.